



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

---

Steve Vukile Tshwete Education Complex • Zone 6 Zwelitsha 5608 • Private Bag X0032 • Bhisho 5605  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

---

**CHIEF DIRECTORATE – CURRICULUM MANAGEMENT**

**INKQUBO YOKUNCEDISA ABAFUNDI  
BEBANGA LE-12**

**ISIXHOBO SOKUFUNDA ESILUNGISELELWE  
UHLAZIYO NOKUNCEDISA:  
IIMPENDULO**

**ISIFUNDO: ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – ISIGABA SESITHATHU**

**EYESILIMELA 2009**

**ESI SIXHOBO SINAMAPHEPHA ALI-9**

***ESI SIXHOBO MASINGASETYENZISWA NJENGOVIWO***

**UBHALO LWEZINCOKO NEMIHATHANA**

**IRUBHRIKHI YE – NCS**

AMANQAKU:	IZINCOKO-	[50]
	IMIHLATHANA EMIDE-	[30]
	IMIHLATHANA EMIFUTSHANE-	[20]

**Qaphela:**

Xa kunikwa amanqaku umfundi, kufanele ukuba, onika amanqaku aqiniseke ukuba usebenzise i-gridi yokunika amanqaku eyamkelekileyo.

1. Makabonakalise ukucwangcisa, ukufundisisa nokulungisa isincoko okanye umhlathana lowo ubhaliweyo.
2. Makaqaphele ukuba uwubambile umxholo ukuze aphumeze injongo yobhalo olo.
3. Ulwimi, upelo neziphumlisi.
4. Ukusetyenziswa kolwimi, nokuvelela ulwimi kwiinkalo ezahlukeneyo.
5. Ukuchongwa kwegama, nokunongwa kolwimi ngezafobe, izaci namaqhalo.
6. Ukwakhiwa kwezivakalisi.
7. Ukwahlulwa kwemihlathi nokunxibelelana kwezivakalisi.
8. Ulwimi olubhekiselele kwinjongo ethile nemvakalozwi.
9. Ukutolikwa kwesihloko okuza kuvezwa ngumxholo ngokubanzi: intshayelelo, isiphelo kunye nokuvela kwezimvo.

## **INGCEBISO NGOKUNIKWA KWAMANQAKU**

1. Funda sonke isincoko okanye umhlathana uze uthathe isigqibo ngomxholo lowo.
2. Phinda ufunde isincoko wenze isigqibo ngenqaku emalinikwe ngolwimi olululo.
3. Apho kuhlangani iindidi ezimbini zokunikwa kwamanqaku, fakela inqaku lesincoko okanye umhlathana kolo luhlu.

### **Umzekelo:**

- Isincoko sifundwa ngokupheleleyo ze sonelise kwinqanaba eliku'Balaseleyo' phantsi ko 'Mxholo' apho amanqaku adibana khona kwigradi.
- Ufundo lwesibini lubonakalisa ukuba ulwimi alonelisi ngokwakwinqanaba eliBalaseleyo. Isincoko kodwa sona sisanelisa ngokwakwinqanaba elifanelekileyo kwigradi.
- Apho kudibana inqanaba eliBalaseleyo neLanelisayo kwigradi kuza kubakho amanqaku aphakathi ko- 33 – 37 kwangama-50.
- Inqaku elipheleleyo lilonke lesincoko lifunyanwa apha kolu luhlu.